Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

JUNI 2019

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

INDAWO YOKULAHLWA KWENKUNKUMA YASEKARWYDERSKRAAL UMSITHO WOKUSIKWA KWERIBHONI

Umsitho wazinyaswa luluhlu olude lwezitatanyiswa ezazikho, kubandakanywa uSodolophu wesiGqeba wase-Overstrand uDudley Coetzee, uMlawuli kaMasipala wase-Overstrand uCoenie Groenewald, uSodolophu wesiThili sase-Overberg uSakkie Franken, uSekela Sodolophu wesiThili sase-Overberg u-Archie Klaas, uMlawuli kaMasipala wesiThili sase-Overberg uDavis Beretti, uCeba wase-Overberg uKari Brice kunye noCeba wase-Overberg uSteven Fourie.

Umsitho wokusikwa kwe-ribhoni, kulungiselelwa ukuvulwa ngokusesikweni kwendawo yokulahlwa kwenkunkuma yengingqi uCell 4 eyakhiwe eKarwyderskraal, wawubanjwe ngolwesiHlanu, umhla wama-29 kuMatshi 2019.

Umhlaba othile wayilwa waze waphuhliswa ukulungiselela ukunikezela ngethuba elide leziko lokulahlwa rhoqo kwenkunkuma yasekhaya, nokwahlulwa kwenkunkuma yezinto eziphilayo ethi ivundiswe kwalapho kwiziko.

IZiko lokuLahlwa kweNkunkuma laseKarwyderskraal liyipropati yoMasipala wesiThili sase-Overberg (ODM) yaye liqale ukusebenza ngowama-2002.

Ukwakhiwa kwe-Cell 4 kuqaliswe ngoJuni wama-2018 yaye kudinga ukugrunjwa kodongwe okungama-30 000 m³ yaye kubandakanya ummandla ozihekthare ezi-± 4.5. Le-cell intsha imalunga neemitha ezi-3 ukuya kwezi-4 ubunzulu yaye iya kuba nekhono lesithuba somoya esingama- 524 000m³ senkunkuma eqinileyo nto leyo eya kunika le cell ubude bokusebenza obumalunga neminyaka esi-8, oku kusekwe kwimilinganiselo ekhoyo yokulahlwa kwenkunkuma.

Indawo yokuLahlwa kwenkunkuma iKarwyderskraal iya kunikezela ngesithuba somoya sokusetyenziswa koomasipala abayisebenzisayo isithuba seminyaka emininzi esezayo. Ubomi bale ndawo buyiminyaka engama-57.

I-Cell 4, kunye nesibonelelo, iyahambelana nemiqathango engqongqo ebekwe nguRhulumente weSizwe nowePhondo. Phakathi kwezinye izilumkiso, ukuxinanana okukwinqanaba eliphezulu, ukufakwa kwepolyethylene plastic liner ukuqinisekisa ngokuthintelwa kongcoliseko lwamanzi asemhlabeni. I-Cell 3 ikwinqanaba lokugqibela yaye i-Cell sele isebenza.

Ibala elitsha leBhola yoMnyazi laseStanford

NgoMvulo, umhla wesi-6 kuMeyi 2019, uSodolophu wesiGqeba wase-Overberg uDudley Coetzee, kunye neRotary Club yaseStanford, baqalise icandelo lesi-3 leBala leBhola yoMnyazi elinikezelweyo ngomsitho wokuguqulwa kwesoyi eStanford.

ICandeli loku-1 nelesi-2 liqalise ngocweyo loqeqesho oluninzi olulungiselwe izikolo kunye neeklabhu zebhola yomnyazi eziphuma kwingingqi ukunikezela ngolwazi olumalunga nebhola yomnyazi noko kunokuthi kufezekiswe ngokuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo.

Umsitho wabonakaliswa luchulumanco lwamagosa kamasipala kunye nabanye beRotary, kubandakanywa iRotary Club yaseKnoxville, Tennessee e-USA kunye neRotary Foundation ethe yeza nengxowa-mali yokwakha eli bala eStanford. USodolophu uDudley Coetzee uncome iRotary Club yaseStanford ngeli linge; ngakumbi emva kokuba kubhengezwe ukuba uMzantsi Afrika nguwo oza kusingatha iNetball World Cup 2023. Umsitho uya kubanjelwa eKapa.

Ibala elitsha lebhola yomnyazi liya kuba sele liqukunjelwe ngo-Agasti wama-2019 yaye lakhiwe eBezuidenhout Street, layamene nebala elikhoyo lebhola ekhatywayo.

Abasemfanekisweni (ukusuka ekhohlo ukuya ekunene) kutshanje kumsitho wokuguqulwa kwesoyi ukuphawula ulwakhiwo lweBala elitsha leBhola yoMnyazi laseStanford nguRotarian Sharman de Gale, Rotarian Malcolm Bury, Netball Coach Anchelle Damon, Rotarian Stephen Stocks, uMlawuli woMmandla waseGansbaai naseStanford uFrancois Myburgh, Rotarian Annie Ranger, Rotarian Lana Coates kunye ngokunjalo uSodolophu uDudley Coetzee esebenzisa umhlakulo.

Inkqubela - phambili elungileyo ngophando kukufumaneka nokuphuhliseka komhlaba eKleinmond nokuphuculwa kwe-Overhills

Inkqubela-phambili elungileyo yenziwe ngophando kwiindlela zophuhliso olungakhoyo kumhlaba okhoyo nonokuphuhliswa eKleinmond, kungenjalo kuphuculwe indawo yamatyotyombe yase-Overhills nokuphadwa okokuba ziziphi na iimfuno zabantu abahlala ngasemva kwezindlu zabanini mhlaba eProdeadorp ezinokuthi ziqwalaselwe.

Iqela leengcali liqukumbele izindululo zokuqala kunye nengxelo eyilwayo ekwathi kwenziwa ucweyo ngayo kumagosa kunye neKomiti eQuquzelelayo yeProjekti ngo-Oktobha nangoNovemba 2018. Ingxelo iya kuphuhliswa ngakumbi xa kwenziwe ingqinisekiso nohlahlelo sele lugqityiwe lweKleinmond. Oku kuya kunikezela ngengcaciso ebalulekileyo edingekayo yentlalo noqoqosho kulungiselelwa ucwangciso olupheleleyo lweKleinmond xa kusekwa ukuba luluphi na uhlobo lwezindlu umz. ezihambelana nemarike, ezokurentisa, iGAP, iziza ezifikelelekayo okanye esele zifakelwe Izibonelelo zeenkonzo eKleinmond, okanye ingaba abahlali baseKleinmond bangathanda ukuba ulwakhiwo lwezindlu lwenziwe kwimimandla engaphandle kweKleinmond.

Emva kwenkqubo ethande ukuba nde yokuthengwa kwempahla, iWCG: iSebe lokuHlaliswa kwaBantu lityumbe umnikezeli wenkonzo. i-VPUU (Violence Prevention through Urban Upgrades) ngesithuba sikaMatshi 2019 ukuba aqukumbele uvavanyo kuzo zonke izakhiwo zasematyotyombeni nezabahlala ngasemva kwezindlu zabanini mihlaba e-Overhills naseProteadorp. I-VPUU isandula ukwaziswa kwintlanganiso kwiKomiti eQuquzelelayo yeProjekti kunye noluntu ngokubanzi lwaseKleinmond kwiintlanganiso zoluntu ezimbini. Unxibelelwano olungaphezulu noluntu, ukufunwa kwabasebenzi bangaphandle kwe-ofisi kunye noqeqesho lwabasebenzi bangaphandle kwe-ofisi luza kuqaliswa ngoku, ngeli thuba iimvavanyo ezizizo zilindeleke ukuba ziqalise ekupheleni kuMeyi 2019. Umsebenzi wangaphandle kwe-ofisi nokucholwa-cholwa kweenkcukacha zamanani kulungiselelwe ukuba ugqitywe xa kusiyiwa ekupheleni kuka-Agasti 2019. Ingxelo eyilwayo yophando ngokufumaneka nokuphuhliseka komhlaba, iya kuhlaziywa, kuqhutywe ucweyo kunye namagosa yaye iKomiti eQuquzelelayo yeProjekti kunye noluntu ngokubanzi lwaseKleinmond, iya kunikezela abakufumeneyo, ze inikezele ngethuba lokunikezelwa kweengcebiso namagqabantshitshi.

ISebe leZindlu loMasipala waseOverstrand liqalise ngokunjalo ngenkqubo eyahlukileyo ukususela kuNovemba 2018 ukulungiselela ukunikezela bonke abahlali ngethuba lokuzalisa izicelo zezindlu ezixhaswa ngemali nelokubhaliswa kuluhlu lwabaxhamli abangaba selungelweni. Qaphela, lo ngumsebenzi owahlukileyo kumsebenzi oya kube usenziwa yiVPUU, kodwa uya kube incedisana.

FynArts HERMANUS

Yonwabele inkqubo yomnyhadala wobugcisa obonwayo nemidlalo yeqonga, umculo, imiboniso yokupheka, ukungcanyulwa kwewayini, kunye noluhlu olunomdla lwezithethi kunye nocweyo. Okubandakanywe kokudweliselwe ukususela ngomhla wesi-7 ukuya kumhla we-17 kuJuni yimiboniso yeengcali zokupheka (iitshefu) ezihlanganisa kunye bonke abathandi bokutya kunye neetshefu ezigqwesileyo kunye neentatheli zoomabonakude eziya kwabelana ngamakhono azo, iiresipi kunye namabali amafutshane anoburharha, ze batyibele ngokungcanyulwa kwewayini Umboniso ngamnye uya kuthi ngaxeshanye uboniswe kumabonakude. Inkqubo epheleleyo iya kuboniswa ngaxeshanye kumabonakude. Inkqubo epheleleyo ifumaneka kule dilesi: hermanusfynarts.co.za. Amatikiti anokuthengwa kule dilesi webtickets.co.za, kwi-Ofisi yezoKhenketho kwiStation Building okanye ngemfono-mfono kule Nombolo **060 957 5371**. Sayina uze ufumane ileta yeendaba eyiFynArts, kuFacebook naku-twitter (**@hermanusfynarts**).

UKUNCITSHISWA KWEMIRHUMO YEZICWANGCISO ZOKWAKHA OKULUNGISELELWE AMAXHOBA OMLILO

IBhunga lase-Overstrand lamkele isicelo esivela kwiSebe loLawulo loKwakha ukunceda abanini bepropati kuyo yonke i-Overstrand, abathe izindlu zabo zatshatyalaliswa okanye ezonakaliswe kakubi yimililo ngethuba lemililo ebhubhisayo ekuqaleni konyaka.

Abahlali, abathe bachatshazelwa yile ntlekele nabasele bekwinqanaba lokokuba bakhe ngokutsha amakhaya abo, baya kuhlawula isixa-mali esime ndawonye esingama-R500 (kungabandakanywa irhafu (VAT) kwimirhumo yezicwangciso zokwakha. Okuqhelekileyo, umrhumo obizwayo kunyaka wama-2018/10 olungiselelwe iZicelo zesiCwangciso soKwakha indlu engama-250m² li-R10 000.

Umasipala usithathe esi sigqibo ngenzame yokunceda abahlali abafumene ilahleko enkulu yemali.

Isithuba esilungiselelwe imirhumo encitshisiweyo yesicwangciso yezakhiwo ezitshatyalaliswe okanye ezonakaliswe kakubi ngethuba lentlekele, siya kuphela ngomhla wama-30 kuJuni 2012. Ukuba ngaba ufuna ingcaciso engaphezulu kunye/okanye ingcebiso ngalo mba, nceda ukukhululeke ngokuqhagamshelana nathi kule dilesi enquiries@overstrand.gov.za okanye usityelele

HERMANUS ADMINISTRATION
16 Paterson Street, House no. 2
Tel: 028 313 8089
GANSBAAI ADMINISTRATION
1 Kapokblom Street
Tel 028 384 8321
STANFORD ADMINISTRATION
17 Queen Victoria Street
Tel: 028 341 8500
KLEINMOND ADMINISTRATION
37 Fifth Avenue
Tel: 028 271 8427

UMLILO WECAMPHILL - *UMSEBENZI UQALILE*

Inkqubo yokulwa nemililo evutha kancinane engaphantsi komhlaba kumacandelo ommandla we-Onrus River Peat Wetland, okwiCamphill School nakwipropati eyiFama yoLuntu, iqalisiwe ekugqibeleni.

Lo mmandla ufumileyo (umgxobhozo) uchazwa njengesiqwenga ekuphela kwaso esiseleyo sommandla onotyani lwepalmiet, oludlala indima ebalulekileyo ekusebenzeni kweOnrus River kunye neOnrus Estuary yaye ithatyathwa njengendawo ebalulekileyo yezinto eziphilayo yaye ngoko kufuneka zikhuselwe. UMgxobhozo uthabatha ummandla oziiHektare ezingama-33, yaye uthelekelelwa ekubeni uneminyaka eli-12 000 leminyaka.

Umlilo ongaphezulu komhlaba utshisa ummandla ozihekthare ezisi-9 ogqunywe zintlobo zezityalo ezingaqhelekanga ezandayo yaye ukhukhulisekile. Eli candelo le- Onrus River livuthe ukususela ngomhla we-11 kuJanyuwari 2019.

Ngenxa yobushushu bomlilo, kunzima kakhulu ukuwucima ngendlela eqhelekileyo.

Ngelishwa iimvula ezisandula ukubakho azibanga nampembelelo ekuzalisweni kwetafile yamanzi, ekuyiyo edingekayo ukucima imililo. Okungumdla omakuqatshelwe; kwixesha elingaphambili umgxobhozo usitsha, kuthathe iinyanga ezisibhozo, ngaphandle kongenelo, phambi kokuba umlilo ube nokucinywa bubumanzi besithuba semvula

Amaqondo obushushu ngasembindini arekhodwe kumaqondo angama-330 C.

Ubunzulu bemililo buyahlukana ngenxa yesimo sokhukhuliseko saloo ndawo yomgxobhozo, enye yezi ndawo elinganiswe nge-peat ore ilinganisa ubushushu obusisi-3.9m ngaphantsi komhlaba. Kwezinye iindawo, i-peat isis-7,25m ubunzulu, nangona kwitshaneli ephakathi inzulu.

Ngaphezulu, umhlaba uqhekekile nangona uvelisa igesi enuka kakhulu ehlanganisa isalfethi, ikhabho diyoksidi kunye ne-methane ephuma kwezi ndawo zishushu. Umlilo ukhupha isixa esikhulu somsi othi uchaphazele kakhulu ukulunga komoya kummandla yaye unempembelelo embi kwimpilo yabantu abakwingingqi nabasesikolweni, ibangele ukufuduswa okwethutyana kwabafundi basiwe kwesinye isakhiwo. (Abafundi abakabi nakho nangoku ukufudukela kule fama yaye isikolo singenela kwiholo Fernkloof Nature Reserve.

Isisombululo

- Ngenzame ehlangeneyo phakathi koMasipala wase-Overstrand, iSebe leMicimbi yezeNdalo, iSebe lezoLimo, amaHlathi nokuLoba (DAFF), i-Working on Fire (WoF), Rob Erasmus - Enviro Wildfires, Landowners, Breede Gouritz Catchment Area (BGSMA) kunye nezinye iingcali ezahlukeneyo kwilizwe liphela, kwagqitywa ekubeni iqela le- Working on Fire. eliqulunqwe ngamalungu angama-25, liya kumisa inkampu yesiseko kwifama i-Camphill ukususela ngomhla woku-1 kuMeyi, lisebenzisa iSPIKE TOOL eliyiphuhlise e-Indonesia.
- ummandla ongama-800m² uya kufumana ingqwalasela ephambili.
- uluhlu lwemingxunya esi-9 / m² igrunjiwe yaye injongo kukuwuzalisa umlilo ukususela ngasezantsi ukunyuka. ze iqela le-WoF lisebenze iintsuku ezisi-7 ngeveki yaye kuqikelelwa okokuba liya kuthabathabatha ubuncinane iinyanga ezi-3 ukuwucima ngokupheleleyo umlilo.

Sikhuthaza lonke uluntu okokuba luwunxweme lo mmandla, lo mlilo unomngeni ube nomphumela wokuwenza uthambe yaye ungazinzi umhlaba. Kukho iindawo apho uzike wabheka ezantsi. Abaqhubi beemoto bayacelwa ukuba bangemisi ngasendleleni ukubukela aba bantu besebenza.

UHLAZIYO *KUMATHALA EENCWADI ASEGANSBAAI*

Abasemfanekisweni apha ngumsebenzi weThala leeNcwadi iGansbaai uSharman Geldenhuys (usozincwadi), Ronette Dreyer, Edna van der Linde kunye noBusisiwe Mtatase (ongaphambili).

UMasipala wase-Overstrand uhlaziya amabini kumathala eencwadi akummandla waseGansbaai.

IThala leeNcwadi laseGansbaai liya kuhlala livuliwe yaye lisebenza ngaso sonke esi sithuba kuqhutywa iprojekti yolungiso. Umsebenzi uya kubandakanya ingxolo ephazamisayo ngamanye amathuba.

Uhlaziyo oluyimfuneko lulundeleke ukuba lugqitywe phambi koJuni 2019.

Umsebenzi weThala leeNcwadi laseGansbaai uSharman Geldenhuys, Ronette Dreyer, Busisiwe Mtatase kunye noEdna van der Linde bayawuthakazelela umonde oqhubekayo woluntu nenkxaso yaye bakhuthaza abahlali ukuba basebenzise iziko kunye neenkonzo.

IThala leeNcwadi i-Eluxolweni iya kuvalwa kuluntu ukususela ngoJuni 2019, ukuba ngaba yonke into iya kuhamba ngokwezicwangciso. "Sikholelwa kwinto yokokuba uphuculo luya kuba nentsingiselo eyiyo kuluntu yaye luya kuba nezibonelelo ezihlala ixesha elide kulungiselelwa isizukulwana esikhoyo nesexesha elizayo," utshilo uSharman Geldenhuys weThala leeNcwadi i-Gansbaai.

Uhlaziyo lulindeleke ukuba lugqitywe ngoJuni 2019.

Qhagamshelana neThala leeNcwadi laseGansbaai ukuba ufuna ingcaciso engaphezulu kule Nombolo 028 384 8346.

INDIMA KASODOLOPHU KUMSITHO WOKUVULA IWESTCLIFF DRIVE SPEED BUMP '*JOYOUS*' OCCASION KUMSITHO OSESIKWENI WOKUVULWA KONGQAMEKO LOKUNYANZELISA UKUTHOTYWA KWESANTYA KWI- WESTCLIFF DRIVE

Ungqameko lokunyanzelisa ukuthotywa kwesantya sezithuthi olwenziwe kwiindawo ezimbini kwiWestcliff Drive ukuthintela abaqhubi zimoto ekubeni badyarhe izithuthi ukuhla isitalato.

Le miqathango yokunyanzelisa ukuthotywa kwesantya yakhiwa kwiWestcliff Drive nasekuhlanganeni kwendlela kwi-Arundel Street nakwindawo ebekelwe ukunqumla kwabahambi ngenyawo eseWestcliff Drive nakwi-Orothamnus Avenue.

"Kokokuqala ukuba ndivule ngokusesikweni ungqameko lokunyanzelisa ukuthotywa kwesantya", utshilo uSodolophu wesiGqeba eziqhayisa. Ubulele amalungu ekomiti yewadi ngengcebiso yabo enexabiso yokwenza iindlela zase-Overstrand zibe ngcono yaye zikhuseleke. Iyandonwabis into yokwazi okokuba Inkqubo yethu yekomiti yewadi iyasebenza," UCeba weWadi 4, uAnton Coetsee, wayanelisekile ngokufanelekileyo ngezifezekiso zabahlali base-Westcliff ze wabulela uJan Cilliers ngeenzame zakhe ezingashukumiyo ekuqhubeni le projekti kwisithuba seminyaka emininzi. "Isantya abantu abaqhuba ngaso ukuhla le ndlela sibangela imeko eyingozi waze uJan wathi unotshe ukuba kungenzeka oko, enkosi."

Ofotiweyo kumcimbi wolonwabo ukuphawula ukuvulwa ngokusesikweni kongqameko lokunyanzelisa ukuthotywa kwesantya kwiWestcliff Drive nguSodolophu Dudley Coetzee, uCeba weWadi 4 uAnton Coetsee, ilungu lekomiti kaWadi 4 elithe laququzelela le projekti uJan Cilliers ngokunjalo namanye amalungu ekomiti nabahlali base-Westcliff.

I-Overstrand Arts / Kunste (OAK) iya kusingatha uJames Oesi (Double Bass) and Collaborative UMdlali wepiyano u-Andrea Vasi, ophuma eNetherlands, unekonsathi emva kwemini ngeCawa, umhla wama-28 kuJulayi. Ikonsathi iya kuqalisa

uJames Oesi

Amatikiti abiza iR150 (IR60 kubafundi) yaye afumaneka kwiTourism Office (028 312 2629) eseMitchell Street, eHermanus.

Imibuzo Iya kuRené du Plooy kule nombolo 082 940 4238.